

USathana, Utshaba Oloyisiweyo



Sabatha Emva Kwemini

Fundela Isifundo Sale Veki:

IsiTyhilelo 12; Gen. 3:15; Isa. 14:12–15; Dan. 7:23–25; 2 Thess. 2:8–12; IsiTy. 13:13, 14; 19:20.

Indima Yenkumbulo:

“ ‘Bameyisile bona ngenxa yegazi leMvana, nangenxa yelizwi lobungqina babo; abawuthandanga umphefumlo wabo, kwada kwasekufeni’ ” (IsiTyhilelo 12:11).

IsiTyhilelo 12 siqala isiqendu esingexesha lokuphela kule ncwadi. Ngeli xesha isiqingatha sokuqala sencwadi sichaza amadabi asemoyeni ebandla kwilizwe elikhohlakeleyo, kulo lonke ixesha lobuKristu, isiqingatha sesibini siqwalasele kwiziganeko ezikhokelela ekuBuyeni kwesiBini nasebukumkanini bukaThixo. Injongo yesahluko 12 kukusinika umfanekiso omkhulu okhuthaza ubunzima obukhulu kwimbali yehlabathi. Sisixelela ukuba iziganeko xesha lokuphela ziyinxalenye yongquzulwano lwezwe lonke oluqhubekayo phakathi kukaKristu noSathana.

Encwadini yesiTyhilelo, uSathana ulutshaba olukhulu lukaThixo nabantu baKhe. Ubukho bakhe buyinene, kwaye usemva kwabo bonke ububi bovukelo kwiyunivesi. Uyazi ukuba ithuba lakhe lokugqibela lokuphumelela ukuchasa uThixo kukuba aphumelele idabi lokugqibela. Ngoko ke, onke amalinge akhe uwajolise ekulungiseleleni eso siganeko. Umbono wesiTyhilelo 12 wawujonge ukunika abantu bakaThixo isiqinisekiso sokuba uSathana ulutshaba oloyisiweyo. Kwayena lo Kristu woyisa uSathana ngexesa lolungiselelo lwaKhe emhlabeni, emnqamlezweni nasemva kokunyuka kwaKhe, usaza kumoyisa ngexesha lesiphelo. Ngoko ke, ithemba labantu bakaThixo bexesha lokuphela lifunyanwa kuKristu.

**Funda Isifundo sale veki ukulungiselela iSabatha kaFebruwari 23.*

Umfazi Nenamba

Funda: IsiTyhilelo 12:1–4. UYohane wabona embonweni imiqondiso emikhulu eyimifuziselo, owokuqala ungowomfazi okhulelweyo. Ngubani umfazi, zaye zifundisa ntoni ezi ndima?

Umfazi eBhayibhileni usetyenziswa njengomfuziselo wabantu bakaThixo (2 Kor. 11:2): umfazi onyulu umele amakholwa athembekileyo, lo gama ihenyukazi limele amakholwa akreqileyo. Ngaphambi komnqamlezo, umfazi kwisiTyhilelo 12 ufuzisela kuqala uSirayeli weTestamente eNdala, ekwathi ngaye uMesiya weza emhlabeni (IsiTy. 12:1–5); kwiindima 13–17 umele ibandla lobuKristu. Lo mfazi uboniswa enxibe ilanga, ethe zinzi phezu kwenyanga. Ilanga eBhayibhileni linako ukumela ubuqaqawuli bukaKristu (Mat. 17:2, IsiTy. 1:16) nobabantu baKhe (Mat. 13:43). Inyanga, njengekhanya ngkukhanya kwelanga, yalatha kwizithembiso zeTestamente eNdala ezixela ngegospile. Umqondiso ongumfuziselo olandelayo awawubonayo uYohane embonweni yayingowenamba enkulu ebomvu. Le namba, kamva ibonwa ingongendawo uSathana, inyoka yakudala (IsiTy. 12:9). Indima ithi umsila wayo urhuqa inenye yesithathu seenkwenkwezi ziphuma ezulwini zisiza emhlabeni. Umsila sisixhobo esingumfuziselo wenkohliso (Isa. 9:14, 15; IsiTy. 9:10). Akuba ewile kwindawo yakhe eyayiphakamile ezulwini, (Isa. 14:12–15), uSathana wakwazi ukulukuhla iqela elikhulu lezithunywa zezulu, ezaba ngoomoya abakhohlakeleyo (2 Pet. 2:4, Yuda 6) zaza zangamahlakani ekuchaseni uThixo nomsebenzi waKhe wokusindisa kuyo yonke imbali yembambano enkulu.

Funda: IsiTyhilelo 12:1–5. Inamba ibonwa “[iyi]nyoka yakudala” (bona IsiTy. 12:9). Luyintoni uqhagamshelano olukhoyo phakathi kukaGenesis 3:15 nomboniso wenyoka yakudala ezama ukutshabalalisa imbewu yomfazi?

Kususela ekuqaleni, uSathana wayelindele umntwana onguMesiya ukuba azalwe ukuze amtshabalalise. Umboniso uwonke uphela ngemifanekiso ekhawulezileyo: ekugqibeleni, uMesiya uzelwe, inamba ayizange ikwazi ukumtshabalalisa, umntwana “wathiwa xwi , wasiwa kuye uThixo nakuyo itrone yakhe.” (IsiTy. 12:5).

NgokwesiTyhilelo 12:11, bakwazi njani abantu bakaThixo ukumoyisa uSathana ebomini babo? Uloyiso lukaYesu phezu kukaSathana lukunika njani intuthuzelo kumadabi wakho asemoyeni nesono?

Ukugxothwa KukaSathana Umphelo Ezulwini

Funda: IsiTyhilelo 12:7–9, sithetha ngemfazwe ezulwini. Yayinjani le mfazwe yaba nesiphumo sokugxothwa kukaSathana ezulwimi?

USathana wagxothwa ezulwini ekuqalekeni kwembambano enkulu, xa waya wavukela ulawulo lukaThixo. Wayefuna ukuhlutha itrone ezulwini aze abe “njengOsenyangweni” (Isa. 14:12–15). Wema kuvukelo olusekahleni ukuchasa uThixo kodwa woyiswa kwathi emva koko walahlelwa phantsi emhlabeni. Ngokukhohlisa isibini sabantu bokuqala, wahluthela kuye ulawulo phezu kwalo mhlaba (Luka 4:6). Njengomlawuli walo mhlaba (Yohane 12:31), wayekwazi ukungena ezulwini ukuya kwiintlanganiso zequmrhu njengommeli womhlaba (Yobhi 1:6–12). Phofu ke, kususela ekugxothweni kwakhe, uSathana neengelosi zakhe bavalelwa kulo mhlaba njengentolongo yabo, bade bafumane isohlwayo sabo (2 Pet. 2:4, Yuda 6).

Okwangoku, ngokufa kwaKhe, uYesu wabahlangu abo balahlekileyo, saza esona similo sisiso sikaSathana satyhilwa phambi kweyunivesi yonke. “USathana wakubona ukuba ukuzifihla kwakhe kutyhiliwe. Ukuphatha kwakhe kwandlaleka phambi kweengelosi ezingawanga naphambi kweyunivesi yezulu. Waziveza ukuba ungumbulali. Ngokuphalaza igazi loNyana kaThixo, wazinyothula neengcambu kuvelwano lwezidalwa zasezulwini. Ukususela ngoko, umsebenzi waKhe waba nemida.” —Ellen G. White, *The Desire of Ages*, p. 761. Phambi kwayo yonke iyunivesi, ulawulo phezu komhlaba lwususwa kuSathana lwabekwa kuYesu, waza wamkelwa njengomlawuli osemthethweni phezu komhlaba (Efese 1:20–22, 1 Pet. 3:22).

Kwakungexesha uSathana namahlakani akhe bagxothwa ngokupheleleyo ezulwini. UYesu wasixela kwangaphambili esi siganeko, esithi: “Kungoku ukugwetywa kwalo eli hlabathi; kungoku umphathi walo eli hlabathi aya kukhutshelwa phandle” (Yohane 12:31). Ngalo mgwebo, kuSathana, “usindiso, namandla, nobukumkani bukaThixo wethu, negunya likaKristu waKhe, lufikile” (IsiTy. 12:10, NKJV). Kude kube yiloo mini, unamandla anomda ukuba enzakalise abantu bakaThixo emhlabeni kodwa eqonda ukuba “unexesha elifutshane” elishiyekileyo (IsiTy. 12:12). Phofu ke, nangona ixesha lakhe “lilifutshane”, ngokwenene, wenza konke anako ukudala intlungu, ukubulaleka, nesidubedube emhlabeni.

IsiTyhilelo 12:11 sisifundisa ntoni ngendlela yethu yokhuseleko ekuphela kwayo ngakongendawo?

Imfazwe emhlabeni

Funda: IsiTyhilelo 12:13, 14. Njengoko egxothiwe wezulwini, uSathana uqhubeka ehlasela ibandla ngexesha leentsuku zesiprofeto ezili-1 260. Wayebandakanywa njani uThixo nebandla ngelo xesha?

“Ukulahlwa kukaSathana phantsi njengommangaleli wabazalwana ezulwini kwafezwa ngomsebenzi omkhulu kaKristu ekuncameni kwaKhe ubomi baKhe. Sekukho kunjalo ukuzingisa kukaSathana ekuchaseni, icebo lokuhlangula lenziwa. . . . USathana, esazi ukuba ubukumkani awabuhluthayo ekugqibeleni buya kuhluthwa kuye, wazimisela angachithi nomzuzu ukutshabalalisa abaninzi kangangoko kwizidalwa uThixo awazidala ngokomfanekiselo waKhe. Wamthiya umntu kuba uKristu wabonakalalisa kuye uthando nemfesane exolela kakhulu, waza walungiselela ukuba ngoku enze lonke uhlobo lwenkohliso anokuthi umntu alahleke ngayo; walilandela ikhondo lakhe ngamandla angaphezulu ngenxa yemeko yakhe ephelelwe lithemba.”—Ellen G. White, *The Spirit of Prophecy*, vol. 3, pp. 194, 195.

Ngaphandle kwamathandabuzo, uSathana uyaqhubeka nomsebenzi wakhe emhlabeni ngokuthulula ingqumbo yakhe phezu kweyona njongo inkulu yothando lukaKristu emhlabeni—ibandla. Phofu ke, ibandla lifumana inkuseleko yezulu entlango ngexesha lesiprofeto seentsuku ezili-1260, lilindele ukubuya kukaKristu. Ixesha lentshutshiso kaSathana lixelve kabini kwisiTyhilelo 12 ngeentsuku ezili-1 260 (IsiTy. 12:6) “naxesha, namaxesha nesiqingatha sexesha” (IsiTy. 12:14). Omabini abhekisa kwixesha lokusebenza kophondo oluncinane ekuthethwe ngalo kuDaniyeli 7:23–25. EBhayibhileni, iintsuku zesiprofeto zifuzisela iminyaka. Ixesha kwimbali elingena twatse kweli xesha lesiprofeto nguA.D. 538–1798, ekwathi ngalo ibandla laseRoma, njengegunya lenkonzo, lagunya kwilizwe laseNtshona zaza iziganeko zoVukelo lwaseFrance zalilalisa ngophotho igunya lengcinezelo laseRoma, okomzuzwana. Ekupheleni kwexesha lesiprofeto lomfazi owayesentlango, uSathana wenza uhlaselo olutsha ukutshabalalisa ibandla likaThixo. Inamba ihlanza umsinga wamanzi ngomlomo walo ukuze amtshabalalise umfazi. Isikhukhula eBhayibhileni sikholisa ukusoloko sifuzisela intshutshiso (Isa. 59:19). Kule ndawo, umhlaba onobuhlobo uyawaginya amanzi uze umsindise umfazi, umnika indawo ekhuselekileyo amakabe kuyo.

Cinga ngexesha elithatyathwe yintshutshiso, iminyaka eli-1 260. Kunokusixelela ntoni oku ngendlela ekwazi kancinane ngayo ukuqonda ukuba kutheni izinto, ezinjengokubuya kukaKristu, kubonakala ngokungathi kuthabatha ixesha elide kakhulu, ngokokubona kwethu?

Imfazwe NeSisalela

Funda: IsiTyhilelo 12:17. Ngexesha lokuphela, ulwa nabani uSathana?

Igama ukusala, okanye intsalela, lichaza abo basele bethembekile kuThixo ngexesha uninzi lukreqa (1 Kumkani 19:18, IsiTy. 2:24). Ekupheleni kwexesha, xa abaninzi ebantwini besayama ngakwicala likaSathana, kuya kubakho abantu abasala bethembekile kuKristu nabaya kujongana nengqumbo epheleleyo kaSathana.

Zeziphi iimpawu ezimbini zesisalela esikwisiTyhilelo 12:17? Umntu angaqiniseka njani ukuba ungomye wesisalela sikaThixo sexesha lokuphela?

Isisalela sexesha lokuphela sigcina imithetho kaThixo. IsiTyhilelo 13 sibonisa ukuba icwecwe lokuqala lemiThetho eliShumi liya kuba sembindini wongqulwano lwexesha lokuphela. Umxholo osentloko kwimithetho emine yokuqala lunqulo. Umba ophambili kwingxubakaxaka yokugqibela ngowokuba ngubani omelwe ukunqulwa. Ngeli xesha abantu emhlabeni beya kukhetha ukunqula umfanekiselo werhamncwa, isisalela siya kunqula uThixo onguMdali (IsiTy. 14:7), ube umthetho wesine usalatha ngokutsolileyo kuThixo njengoMdali wethu, esisesinye isizathu eso esenza ukuba sikholwe ukuba lo mthetho uya kudlala indawo ebaluleke kakhulu kuvuthondaba ekupheleni.

Kanti ke, uphawu lwesibini lwesisalela sexesha lokuphela lolokuba “banobungqina buka Yesu Kristu” (IsiTy. 19:10), kwayona le ndima ebuchaza njengo “moya wesiprofeto.” Ngemihla kaYohane, intethwana ethi, “umoya wesiprofeto” yayithetha isipho sesiprofeto. Isaci “ubungqina buka Yesu” sibhekisa kuYesu othwele ubungqina baKhe ngesipho sesiprofeto, njengoko wenzayo ngoYohane (IsiTy. 1:2). IsiTyhilelo sibonisa ukuba ngexesha lokuphela, abantu bakaThixo baya kuba nesipho phakathi kwabo, ukuba sibakhokele ukuphumela kuloo maxesha anzima, njengoko uSathana eya kwenza onke amalinge okubakhohlisa nokubatshabalalisa. Thina, singama-Adventists, sinikwe eso sipho kulungiselelo nemibhalo kaEllen G. White.

Yintoni oyibona njengezona mbono ekunzima ukuzikholelwa esinazo esizinikwe ngo “moya wesiprofeto”? Ziintoni ezinyanzelekileyo esi sipho esizibeka phezu kwethu, ngabanye nanjengebandla?

Icebo LikaSathana Lexesha Lokuphela

IsiTyhilelo 12:17 siphawula ukutshintsha kwi-cebo likaSathana njengoko ezama ukuzuzisa abantu basemhlabeni, nokude akhohlise abalandeli abathembekileyo bakaKristu. Kuyo yonke imbali yobuKristu, wazama ukuwuthintela umsebenzi kaThixo wokusindisa, kakhulukazi ngendlela yokunyanzela nokutshutshisa. Imbali ibonisa ukuba eli cebo alizange libe nempumelelo epheleleyo. Sekunjalo, ekulungiseleleni uhlaselo lokugqibela kwisalela sexesha lokuphela, uSathana wongeza kwi-cebo lakhe lokunyanzela isiqalelo esikhulu senkohliso. Olu tshintsho kwi-cebo likaSathana kuhambelana nokusuka ekuqwalaseleni kwimbali kuyiwe kwixesha lokuphela. Kubalulekile ukuba igama ukukhohlisa alenzeki kubo bonke kwisigaba sembali yesiTyhilelo (IsiTyhilelo 4–11). Phofu ke, lisetyenziswa kwisigaba esingeziganeko zesiphelo (IsiTyhilelo 12–20) lichaza imisebenzi kaSathana yexesha lokuphela ekulungiseleleni idabi lokugqibela. Igama ukukhohlisa liqala (IsiTy. 12:9) lize liphele (IsiTy. 20:7–10) ukuchazwa kwemisebenzi kaSathana yexesha lokuphela kwisiTyhilelo.

Funda: 2 Tesalonika 2:8–12 kunye nesiTyhilelo 13:13, 14 ne-19:20. Injani imo yenkohliso yexesha lokuphela?

IsiTyhilelo 13–20 sizoba uSathana, othe, ngokuzama ukuzuzisa ukuthotyelwa lihlabathi, waqala unomgqwana omkhulu kaThixo wenyaniso nemisebenzi yaKhe yokusindisa emhlabeni. KwisiTyhilelo 13, imbumba engunxa-ntathu yenziwe phakathi kwenamba kunye namahlakani ayo amabini: irhamncwa laselwandle (IsiTy. 13:1–10) nerhamncwa lasemhlabeni (IsiTy. 13:11–18). Le mbumba yesithathu ima njengephikisana nesithathu--iTriniti yobuThixo (IsiTy. 1:4–6). Kuyo yonke inxenye yeBhayibhile elandelayo, amalungu esi sithathu senkohlakalo ayintlaka nexolo ekuchaseni imisebenzi kaThixo emhlabeni nasekukhohliseni abantu, ukuze bajikelwe kude kuThixo bazayamise kuSathana kwixesha elimandundu lokugqibela (IsiTy. 16:13, 14; 19:20; 20:10). IsiTyhilelo sibonisa ukuba inkohliso yexesha lokuphela iya kuba nkulu kakhulu kangangokuba uninzi lwabantu luya kuwexuleka.

Kabini kwisiTyhilelo ubizo luyenziwa ukuba kubekho ubulumko nengqiqo yasemoyeni ukuze kuqondwe kumelwane nemveli yezenzo zenkohliso zikaSathana zexesha lokuphela (IsiTy. 13:18, 17:9). Bubulumko obunjani ekucingwa ngabo apha? ngokuka Yakobi 1:5, singabuzuzisa njani obo bulumko?

Ingcamango Eyongeziweyo:

Funda: Ellen G. White, “Izibatha ZikaSathana,” amaph. 518–530, Imbambano Enkulu. Injongo yesiTyhilelo 12, phambi kwako konke, kukuxelela abantu bakaThixo iziganeko zexesha lokuphela zongqzulwano olukhulu phakathi kukaKristu noSathana nemikhosi yakhe ekhohlakeleyo. Incwadi ibalumkisa ngoko bajongene nako namhlanje nabaza kujongana nako ngakumbi ngendlela embi kakhulu kwixesha elizayo—utshaba olunamava nengqumbo. UPawulos usilumkisa kakhulu ngezenzo zemihla yokuphela “kaSathana, ngayo imisebenzi yonke yamandla, nemiqondiso, nezimanga zobuxoki, nangako ukulukuhla konke kokungalungisi kwabo batshabalalayo; ngenxa enokuba bengakwamkelanga ukuyithanda inyaniso, ukuze basindiswe” (2 Tes. 2:9, 10). IsiTyhilelo sisikhuthaza ukuba silithabathele ingqalelo ixesha elizayo sikwenze kube yinto ehamba phambili ukuxhomekeka kwethu kuThixo. Kwelinye icala, IsiTyhilelo sisiqinisekisa ukuba, nangona uSathana elutshaba olunamandla namava, akanamandla ngokwaneleyo ukuba angoyisa uKristu (bona IsiTy. 12:8). Kubantu bakaThixo, ithemba likoko kuzuzwa kuphela kuLowo wathi, kwixesha eladlulayo, wamoyisa uSathana nemikhosi yakhe ekhohlakeleyo. Uthembise ukuba uya kuba nabalandeli baKhe abathembekileyo “kude kube sekupheliweni kwephakade eli” (Mat. 28:20).

Imibuzo Yokuxoxwa:

1. SingamaSeventh-day Adventists, sizibona sikukuzaliseka kweempawu zesisalela sexesha lokuphela. Ilungelo elingako! Kanti ke, nomthwalo ongako! (Bona uLuka 12:48.) Kutheni kufuneka siqaphele nje, sekunjalo, ukuba singacingi ukuba le nxaxheba iqinisekisa usindiso lwethu ngabanye ngabanye?
2. “Sikholisa ukuthetha kakhulu ngamandla kaSathana. Yinyaniso yona ukuba uSathana usisidalwa esinamandla; kodwa ndiyambulela uThixo ngoMsindisi oligorha, owamlahlela ngaphandle kwezulu ongendawo. Sithetha ngomchasi wethu, sithandaza ngaye, sicinga ngaye; uvela emkhulu kakhulu ngaphaya kokuba sicinga. Ngoku, kutheni singathethi ngoYesu? Kutheni singacingi ngamandla aKhe nothando lwaKhe? Uyaneliseka uSathana xa siwenza makhulu amandla wakhe. Phakamisani uYesu, camngcani ngaYe, nize nithi ngokumkhangelana, nenziwe nibe nokumila komfanekiselo waKhe.”—Ellen G. White, *Advent Review and Sabbath Herald*, Matshi 19, 1889. Zeziphi iindela athi amaKristu awenze makhulu ngazo amandla kaSathana? Kwelinye icala, zeziphi iingozi ezikhoyo ekukhanyeleni, kungekuphela nje ubukho bamandla kaSathana, kodwa kwanobukho bakhe?